

Khumbula, Musa Ukulibala



SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo Sale Veki: *Gen. 9:8–17; Dut. 4:32–39; IsiTyhi. 14:12; Dut. 4:9, 23; Dut. 6:7; Dut. 8:7–18; Efe. 2:8–13.*

Indima Yenkumbulo: “**‘Khumbula, musa ukulibala ukumqumbisa kwakho uYehova, uThixo wakho, entlango; kususela kwimini owaphumayo ezweni laseYiputa, wada wangena kule ndawo, naba neenkani kuYehova’**” (*Duteronomi 9:7*).

Mabini amagama abonakala kuyo yonke iBhayibhile: *khumbula nokulibala*. Omabini kwinto yoluntu, into eyenzeka ezingqondweni zethu. Omabini zizenzi, yaye zizichasi: ukukhumbula kukungalibali, nokulibala kukungakhumbuli.

UTHixo usoloko exelela abantu baKhe ukuba bakhumbule zonke izinto abenzele zona; bakhumbule ubabalo lwaKhe ngenxa yabo nokulunga kwaKhe ngakubo. Okuninzi kwiTestamente eNdala kwakuqulathe abaprofethi bexelela abantu, abantu bamaHebhere, bangakulibali oko uYehova abenzele kona. Kodwa kanjalo, okubaluleke ngakumbi, kwakufuneka bengalulibelanga ukuba ubizo lwabo luyintoni kuYe, yaye loluphi uhlobo lwabantu abafanele ukuba lulo ukusabela kolo bizo. “Ndikhankanya izenzo ezincamisileyo zikaYehova; ngokuba ndikhumbula imisebenzi yakho ebalulekileyo yamandulo” (*Ps. 77:11*).

Kwahlukile kuthi namhlanje, zombini kwinqanaba lembumba kunye, nangakumbi, kwelo lomntu buqu? Kulula kangakanani ukuliba oko uThixo asenzele kona.

Kule veki, njengoko kudandaliziswe kwiDuteronomi, sizakujonga le mfundiso ibalulekileyo, leyo yokukhumbula nokungalibali unxibelelwano lukaThixo ebomini bethu.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha, Disemba 4.*

Ukukhumbula Umnyama

Isihlandlo sokuqala livela igama “ukukhumbula” eBhayibhileni kukwiGenesis 9, xa-emva konogumbe kazwe-lonke-uYehova waxelela uNowa ukuba uzakubeka umnyama esibhakabhakeni njengomqondiso womnqophiso waKhe nomhlaba, wokuba sokube aphinde alitshabalalise ihlabathi ngonogumbe.

Funda: kwiGenesis 9:8-17. Igama “ukukhumbula” lisetyenziswe njani apha, yaye singafunda ntoni kwindlela elisetyenziswe ngayo ngendlela ekufuneka sikhumbule ngayo oko uThixo asenzele kona?

Eneneni, uThixo akadingi mnyama ukukhumbula idinga laKhe nomnqophiso waKhe. Wathetha nje ngentetho abanokuyinqonda abantu. Ukuba kukho nto, umnyama ngowethu, njengabantu, ukuba sikhumbule isithembiso sikaThixo nomnqophiso wakhe wokungaphindi alitshabalalise kwakhona ihlabathi ngamanzi. Ngamanye amazwi, umnyama wawungowokunceda abantu bakhumbule lo mnqophiso uwodwa awenzileyo uThixo; ngalo lonke ixesha ubonakala umnyama, abantu bakaThixo bazakukhumbula, hayi nje ukugweba kukaThixo ihlabathi ngenxa yesono salo kodwa kanjalo uthando lwaKhe ngakwihlabathi nesithembiso saKhe sokungaphindi aligubungele ngamanzi kwakhona.

Yiyo lo nto, sibona apha ukubaluleka kwengcamango yokukhumbula: ukukhumbula amadinga kaThixo, ukukhumbula izilumkiso zikaThixo, ukukhumbula izenzo zikaThixo ehlabathini.

Umnyama osesibhakabhakeni ubaluleka ngakumbi namhlanje nalapho, ngenxa yokuqhubeka kwimithetho yemvelo, uninzi lweenzulu-lwazi ziyikhaba ingcamango yokuba kwakha kwakho unogumbe ehlabathini lonke. Kunika umdla kangakanani ukuba u-Ellen G. White wabhala ukuba ngaphambi kokufika kukaNogumbe, abantu abaninzi babe nale ngcamango inye yokuba ukuqhubeka kwemithetho yemvelo kuyayiphikisa eyoba kungakho unogumbe ehlabathi lonke. Wabhala ukuba izilumko zazixoxa ngelithi “imithetho yemvelo imiselwe ngendlela eluqilima kangangokuba noThixo ngokwaKhe akanakuyiguqula.”—*Patriarchs and Prophets*, p. 97. Ngenxa yoko, ngaphambi koNogumbe, abantu baxoxa, ngenxa yemithetho yemvelo, ukuba zange wakhona kwasekuqala.

Noko kunjalo, uThixo elizwini laKhe wasixelela ngoNogumbe wanika nehlabathi umqondiso, hayi owoNogumbe kuphela, kodwa owedinga laKhe lokungaphindi azise omnye. Ngalo ndlela, ukuba siyayikhumbula intsingiselo yomnyama, singanayo ingqiniseko, ebhalwe icande isibhakabhaka ngale mibala mihle, yokuba ilizwi likaThixo liqinisekile. Kwaye ukuba singalithemba iLizwi laKhe kweli dinga, kutheni le nto singenakulithemba iLizwi laKhe kuko konke asixelela kona, kanjalo?

Kwakhona xa ubona umnyama, cinga ngamadinga kaThixo. Singafunda njani ukuwathemba onke lo madinga?

Ngokuphathelele Kwimihla Yamandulo

KwiDuteronomi 4, sifunde iziyalo ezimangalisayo uYehova awazinika abantu baKhe ngoMoses ngokuphathelele kumalungelo abo amakhulu njengabantu abanyuliweyo bakaThixo. Ubakholule eYiputa “ ‘ngezilingo, nangemiqondiso, nangezimanga, nangemfazwe, nangesandla esithe nkqi, nangengalo eyolukileyo, nangokoyikeka okukhulu, njengako konke akwenzileyo kuni uYehova uThixo wenu eYiputa, emehlweni akho?’ ” (Dut. 4:34). Ngamanye amazwi, uThixo akakwenzelanga into enkulu kuphela, uyenze ngeendlela ezinokukunceda ukuba ukhumbule, ungalibali, izinto ezinkulu akwenzele zona.

Funda: Zeziphi kwiDuteronomi 4:32-39. UYehova wayebaxelela ukuba bakhumbule ntoni, yaye kutheni le nto kwakubaluleke ngolohlobo ukuba bazikhumbule ezi zinto?

UMoses ubalathisa emva abantu kuyo yonke imbali, nkqu nendalo ngokunokwayo, aze ababuze, umbuzo-buciko, ukuba into enjalo ikhe yenziwa na kwimbali njengoko kwenzekileyo kubo. Eneneni, uyabaxelela ukuba babuze; oko kukuthi, ukuzifundela ngokunokwabo baze babone ukuba into efana nebhikhe yabehlela ikhe yenzeka na ngaphambili. Ngokubabuza imibuzo embalwa, uMoses wayezama ukuba bafikelele ekuqondeni ngokunokwabo oko uYehova abenzele kona, ize ngalo ndlela, ekugqibeleni, indlela abafanele ukumbonga nokumbulela ngayo ngenxa yemisebenzi yaKhe enobungangamsha ebomini babo.

Embindini wezo zenzo yayi kukuhlangulwa kwaseYiputa ize kanjalo, mhlawumbi ngeendlela ezithile ezikhwankqisa ngakumbi, ukuthetha kwaKhe nabo eSinayi, okwabavumela ukuba beve “amazwi aKhe phakathi komlilo.”

Funda: kwiDuteronomi 4:40. Sishwankathelo sini, ngoko, uMoses awayefuna basenze kula mazwi ngoko uThixo abenzele kona?

UYehova akazanga azenze zonke ezo zinto kungekho njongo. Wayebakhulule abantu baKhe, egcine icala lakhe lomnqophiso awayewumisele kunye nabo. Babekhululekile eYiputa, bezakungena kwiLizwe leDinga. UThixo wayenza eyakhe indima; ngoko babebizelwa ekwenzeni eyabo, eyayi, ngokucacileyo, kukuthobela.

Lo mzekelo ulibonakalisa njani icebo losindiso njengoko lidandalaziswe kwiTestamente eNtsha? Yintoni awasenzela yona uYesu, yaye kufuneka sisabele njani koko asenzele kona? (Bona kwiSityhi. 14:12.)

Zigcine . . . Hleze Niwulibale

Funda: kwiDuteronomi 4:9, 23. UYehova ubaxelela ukuba mabenze ntoni apha, yaye kutheni le nto esi siyalo sibaluleke ngolo hlobo kuhlanga?

Zibini izenzi eziveleleyo ukuqala kwazo zombini ezi ndima: “zigcine” kunye “niwulibale.” Okuthethwa nguYehova kubo kukuba: *zigcineni ukuze ningalibali.* Oko kukuthi, ningakulibali oko uYehova anenzele kona okanye umnqophiso awenze kunye nani.

Isenzi “zigcine,” smr (esikwasetyenziswe ngenye indlela kwiDuteronomi 4:9, xa siguqulelwe “gcina isiqu sakho”), sikho kuyo yonke iTestamente eNdala, yaye sithetha “ukugcina,” “ukujonga,” “ukulondoloza,” okanye “ukubek’esweni.” Okunika umdla ngeyona ndlela, isihlandlo sokuqala livela esiBhalweni kungaphambi kwesono, xa uYehova waxelela u-Adam ukuba “agcine” umyezo awayemnike wona (*Gen.2:15*).

Ngoku, nangona, uYehova exelela abantu, umntu ngamnye buqu (isenzi sikwisinye), ukuba bazigcine hleze balibale. Oku ayikoku-“libala” kangako njengakwimeko yokuphulukana nenkumbulo (nangona ngokuya lihamba ixesha nakwizizukulwana ezitsha eziza kuza) kodwa ngakumbi kwimeko yokunika amaxanduva abo kumnqophiso. Oko kukuthi, kwakufuneka bazazi ukuba bangobani kwaye oko kuthetha ukuthini ngokwendlela ekwakufuneka bephile ngayo phambi koThixo, phambi kwamanye amaHebhere, phambi kwabaphambukeli abaphakathi kwabo, naphakathi kweentlanga ezibangqongileyo.

Funda: kwakhona kwiDuteronomi 4:9 (*bona kanjalo kwiDut. 6:7 neDut. 11:19*), kodwa uxhile kule kwisigaba sokugqibela, ngokuzifundisa kubantwana babo nabazukulwana. Oko kwakunanto yakwenza nantoni ekubancedeni bangalibali?

Ayizenzekelanga eyoba kanye emva koba uMoses ebaxelele ukuba bangalibali, bangaziyeke ezi zinto “zimke entliziyweni yakho,” ubaxelela ukuba bazifundise ezi zinto kwisizukulwana esi landelayo nesizukulwana esi semva kwaso. Kwakufuneka ukuba abantwana babo beve ngezi zinto kuphela, kodwa mhlawumbi okubaluleke ngakumbi, ngokubalisa baphinde babalise amabali ezinto uThixo abenzele zona, abantu abazokuzilibala ezo zinto ukuba yayizintoni. Ngoko, yeyiphi indlela engcono yokugcina ulwazi loko uYehova akwenzele abantu baKhe abonyuliweyo?

Ukuxelela abanye ngamava akho neNkosi kube yinzuzo njani hayi nje kuphela kwabanye, kodwa kuwe, ngokunjalo? Ukubalisa inkokhelo kaThixo kukuncede njani ukuba ungazilibali iinkokhelo zaKhe?

Wakudla Uhluthe

Omnye owayesakuba yinkokeli yebandla, owakha wasebenza kwiNkomfa Jikelele yeBalindi (General Conference) iminyaka engama-34, wakha wabalisa ibali ngendlela, kwiminyaka emenzi ngaphambili, yena nenkosikazi yakhe, xa begaleleka kwisikhululo senqwelo-moya, balahlekwa ngumthwalo omncinci. “Kanye apho,” watsho, “ngakwibhanti elihambisa umthwalo esidlangalaleni, saguqa ngamadolo, sicela iNkosi ukuba ibuyise umthwalo wethu olahlekileyo.” Wabuya wathi, emva kweminyaka emininzi, kwale nto inye yenzeka: bafika kwisikhululo senqwelo-moya, kodwa inxalenye yomthwalo zange ifike. Wakuxela okulandela okwenzekayo. “Ungakhathazeki,” watsho kwinkosikazi yakhe, “i-ishorensi izakuwuhlawula.”

Uneli bali engqondweni, funda kwiDuteronomi 8:7-18. Silumkiso sini uYehova asinika abantu baKhe apha, yaye simele ukuthetha ntoni kuthi namhlanje, kwangokunjalo?

Jonga into ukuthembeka kwabo kuYehova okuzabazisela yona. Abazokuba nalizwi limangalisayo lityebileyo kuphela, “ezweni ongayi kudla sonka kulo uyimbedlenge, ongayi kuswela nanye into kulo” (Dut. 8:9), koko bazakusikelelwa ngokugqithisileyo elizweni: impahla emfutshane nemihlambi negolide nesilivere nezindlu ezintle. Oko kukuthi, bazakunikwa zonke izinto zokonwaba obunazo obu bomi.

Kodwa ngoko, yintoni? Bazakujamelana nengozi esoloko ihamba nobutyebi nempumelelo ephathekayo, leyo yokuba nguYehova kuphela “okunika amandla okuzuzubutyebi” (Dut. 8:18).

Mhlawumbi hayi ekuqaleni, kodwa ngokuya iminyaka ihamba benazo zonke izinto ezonwabisayo abazingayo, bazakulilibala izolo labo, balibale indlela uYehova abakhokele ngayo “intlango enkulu eyoyikekayo” (Dut. 1:19), yaye, ngokwenene, bacinge ukuba bubukrelekrele nezakhono zabo ezibenze baphumelela.

Oku yile nto kanye uYehova wayebalumkisa kuyo ukuba bangayenzi (yaye ngeliswa, ngokukodwa xa ubani efunda abaprofeti abalandelayo, yile nto kanye yenzeka kubo).

Ngoko ke, phakathi kwale mpumelelo, uMoses ubaxelela ukuba bakhumbule ukuba nguYehova kuphela owenze oku kubo kwaye bangakhohlisa ziintsikelelo eziphathekayo abanike zona. Kwiinkulungwane emva koko, uYesu ngokwaKhe walumkisa, kumzekeliso womhlwayeli, “ngokulukuhla kobutyebi” (Marko 4:19).

Nokuba ingakanani imali neezinto eziphathekayo esinazo apha, sonke siyinyama negazi ezilinde umngxuma osemhlabeni. Oku makusixelele ntoni ngeengozi eziza nobutyebi, ngohlobo lokuba ubutyebi bungasenza sikulibale ukudinga kwethu Lowo ikuphela kwaKhe onokusihlangula kulo mngxuma usemhlabeni?

Ukhumbule Ukuba Ube Ulikhoboka

Funda: kwiDuteronomi 5:15; Duteronomi 6:12; Duteronomi 15:15; Duteronomi 16:3, 12; nakwiDuteronomi 24:18, 22. Yintoni ncakasana le uYehova wayefuna bangaze bayilibale, kwaye kutheni?

Njengoko sibonileyo, kuyo yonke iTestamente eNdala, uYehova wayesoloko ezizisa iingqondo zabantu emva kwi-Eksodus, ukuhlangukwa kwabo okungumngaliso, nguThixo, eYiputa. Kude kube ngoku, kumawaka eminyaka emva koko, abagcini bobuYuda basagcina umbhizo wePasika, isikhumbuzo sento uYehova abenzele yona. “Nothi, nakufika ezweni aya kuninika uYehova njengoko watshoyo, niyigcine le nkonzo. Kothi, xa batha oonyana benu kuni, iyintoni na le nkonzo kuni? Nithi ke, ngumbengelelo wepasika kuYehova, owagqitha ezindlwini zoonzana bakaSirayeli eYiputa; ekubulaleni kwakhe amaYiputa, wazihlangula izindlu zethu’ ” (*Eksod. 12:25–27*).

Kwibandla namhlanje, iPasika luphawu lohlangulo esilunikwe nguKristu: “Kuba nathi siyibingelelwe neyethu ipasika, enguKristu” (*1 Kor. 5:7*).

Funda: kuma-Efese 2:8-13. La maKristu angaweeNtlanga axelelwa ukuba mawakhumbule ntoni? Ifana njani noko amaHebhere ayekuxelelwe kwiDuteronomi ukuba akukhumbule, ngokunjalo?

UPawulos wayefuna aba bantu bakhumbule oko uThixo abenzele kona kuKristu, oko abasindise kuko, noko banako ngoku ngenxa yobabalo lukaThixo kubo. Njengakubantwana bakaSirayeli, yayi ngeyiyo nayiphi into abanayo nekubo eyayibancoma kuThixo. Endaweni yoko, yayi lubabalo lukaThixo kuphela, abalunikiweyo, nangona babe “ngabasemzini kuyo iminqophiso yedinga,” olwalubenza babe yile nto babeyiyo kuKristu Yesu.

Nokuba ngamaYuda entlango, amaKristu e-Efese, okanye aBalindi naphi ehlabathini, kubaluleke kanjani kuthi ukuba sisoloko sikhumbula, singalibali, into asenzele yona uThixo kuKristu. Yiyo lo nto, ngoko, sinala mazwi: “Bekusilungele ukuba sichithe iyure mini nganye sicamngca ngobomi bukaKristu. Kufuneka sibuthathe ingongoma nganye, size sivumele ingqondo iqonde isiganeko ngasinye, ngokukodwa ezi zokugqibela. Xa ngoko sigxila kulo mbingelelo waKhe mkhulu ngenxa yethu, ingqiniseko yethu ngakuYe izakuthi gqolo ngakumbi, uthando lwethu luhlaziyeke, size sizaliswe ngokunzulu ngomoya waKhe.”—Ellen G. White, *The Desire of Ages*, p. 83.

Ingcamango Eyongeziweyo: “Indlela ekukukhulu ngayo ukuzithoba kukaThixo nemfesane yaKhe kwizidalwa zaKhe ezigqwidizayo ngokubeka umnyama omhle emafini njengophawu lomnqophiso waKhe kunye nabantu! UYehova uyabhengeza ukuba xa ekhangela umnyama, uzakukhumbula umnqophiso waKhe. Oku akuthethi kuthi uyakuze alibale; kodwa uthetha nathi ngolwimi lwethu, ukuze simqonde ngcono. Yayiyinjongo kaThixo ukuba xa abantwana bezizukulwana ezilandelayo bebuza injongo yeli gophe libengezelayo lingxabalaze emazulwini, abazali baphinde ibali likaNogumbe, babaxelele ukuba oseNyangweni, wagoba isaphetha wasibeka emafini njengesiqinisekiso sokuba amanzi awanakuphinda agubungele umhlaba. Ngenxa yoko ukusuka kwesinye isizukulwana uzakungqina ngothando olungwele kumntu iqinise nengqiniseko yakhe kuThixo.”—Ellen G. White, *Patriarchs and Prophets*, pp. 106, 107.

Ukususela ekuyilweni kobuKristu, akuzange kubekho bandla lixhamle kubutyebi nezinto zokonwabisa izidalwa ibandla kwamanye amazwe ehlabathini elizonwabelayo namhlanje. Umbuzo kukuba, *Ngaziphi iindleko?* Ubutyebi obunjalo ngokuqinisekileyo buphemebelela umoya wethu-yaye hayi ngokulungileyo kanjalo. Ingayenza njani? Buqale nini ubutyebi nezinto eziyintabalala ukukhuthaza izimilo zobuKristu zokuzincama nokuzibingelela? Kumaxa amaninzi, kwenze le iphikisanayo: ngokuya abantu besiba nezinto, kokukona bazicingelayo, yaye kokukhona banciphayo ekuxhomekekeni kuThixo. Ubutyebi nempumelelo, nokuba zintle, ziza nentlaninge yemigibe yasemoyeni.

Imibuzo Yokuxoxwa:

- 1 Xoxani ngombuzo wendlela ubutyebi (isenokuxhomekeka; oko kukuthi, umntu ongabonwa esisinana elizweni lakhe usenokubonwa njengesinana ngabanye kwelinye) nendlela obunokuchaphazela ngayo umoya wethu. Yeyiphi indlela abonokuthi ngayo abo “banemali” bazikhusele kwezinye zeengozi zasemoyeni ezinokudalwa bubutyebi?
- 2 Eklasini thethani ngeziganeko zokugqibela kubomi bukaKristu noko zisixelele kona ngothando lukaThixo kuthi nesizathu sokuba singaze siyilibale inyaniso yolo thando. Zeziphi ezinye izinto onokucinga ngazo ezityhila ukulunga kukaThixo, nokuba kutheni kufuneka sisoloko sigcine le nyaniso isengqondweni?
- 3 Nangona ezinye iinzulu-lwazi zisithi zange kubekho nogumbe unguzwe-lonke, nangona iBhayibhile isithi wabakho (nomnyama), abanye bathi akuzange kubekho indalo yeentsuku ezintandathu, nayo, nangona iBhayibhile isithi yayikho (neSabatha yomhla wesixhenxe yokuyikhumbula). Oku makusixelele ntoni ngendlela elinokuba namandla ngayo, yaye libe libi ngayo, ifuthe lenkcubeko kwinkolo?